- the need to promote the use of African languages as mediums of teaching and learning in high conceptual learning areas.
- the need to raise the status of African languages in education.

The process of terminology development

The dictionaries we have produced are written in the three official languages of the Western Cape Province to promote its language policy in education, to enhance accessibility of the content to both teachers and learners in their home languages, to counteract the myth that African languages cannot be used to teach science and mathematics because they do not have concepts and terminology, and lastly to raise awareness around the use of African languages as languages of learning and teaching (LoLT). These dictionaries are intended for teachers and learners in the intermediate and senior phases of primary schooling as teaching and learning resources.

The key objectives of these dictionaries are:

- To aid teachers and learners in multilingual classrooms, by providing science and mathematics terms and definitions in three languages, namely isiXhosa, Afrikaans and English.
- To create technical/ scientific vocabulary in isiXhosa in particular, so that it would be possible to teach and assess in former marginalised African languages.

The process and mechanisms of developing terminology/or vocabulary

The processes and mechanisms of developing terminology and/or vocabulary are summed up in Table 1 below.

Cognitive (content) part	Linguistic part	Communicative part
<ul style="list-style-type: none"> • Deals with accuracy in describing concepts <p>E.g. let's assume that we didn't have a term for computer</p> <p>How would we start giving a term to it? The first thing we would have to do is to look at features or characteristics of a computer. What is it used for?</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Looks at correctness of the language <p>If we agreed on a certain term e.g. ikhompyuta (in isiXhosa), do we all agree on the spelling of this term?</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Looks at the standardisation of terms <p>This is a process of the acceptance of terms by speech communities, i.e. the people who speak the language.</p> <p>A term should give meaning to people who speak that particular language, otherwise the whole process of terminology development will be a waste of time.</p>

Table 1: The three dimensions of terminology development

Selection of terminology

Three important things to look at:

- **Level of instruction:** the level of language used in terminology should match the level of education. Terms for primary teaching should be more descriptive; for secondary teaching they should be more definitional in nature.
- **Nature of subject:** There should be a difference between terminology of different disciplines or areas of teaching, e.g. mathematics or biology terminology.
- **Level of learners:** It is important to grade the terminology according to the age or level of learners. As they move up through the intermediate (4–6) and senior (7–9) grades, learners should gradually become more familiar with the definitions of terms.

Principles of devising new terminology

Transfer of concepts: This is an important principle because without a proper transfer of concepts there can be no application of terminology in our daily lives. A concept must **have a clearly defined meaning**, in a **precise application of usage** for that **particular subject field** or domain, e.g. science, art, trade. Literal translation should be avoided because it could be misleading.

Priority of internal resources: Terminologists should start by looking at everyday language used by their communities before coining new terms or borrowing from other languages, e.g. old Bantu Education terminology lists.

Brevity: Too long or sausage terms should be avoided because terms are expected to be easily remembered, e.g. for the term *kinetic energy* or *motion energy*, should we use *amandla entsbukumo* or should we say *amandla-ntshumo*?

Consistency: We maintain consistency for a coined term which is intended to refer to a particular concept. This is quite difficult as there is a plethora of synonyms in isiXhosa that people want to keep, e.g. for the term *magnet* = *isitsalane* (something that uses its power to attract objects) or *umazibuthe* (to collect) or a borrowed term, *imagnethi*. We settled for *isitsalane* because we all agreed it is scientifically accurate.

Coining as a terminology development strategy

- **Simple equivalence:** These are the terms consisting of only one stem without affixes e.g. the term for:
chest – kifua (Kiswahili) – isifuba (Xhosa)
stem – shina (Kiswahili) – isiqu (Xhosa)
water – maji (Kiswahili) – amanzi (Xhosa)
- **Composition:** Two or more words joined to form a new lexical item e.g. giraffe – indlulamthi = dlula + mthi (verb + noun) (taller than a tree)

Borrowing as an alternative strategy: When new terms cannot readily be coined in a language through the processes discussed above, the alternative is to borrow them from other languages such as French, Greek, Latin, English or from other African languages such as Kiswahili.

borrowed term: enzyme – enzayime
photosynthesis – ifotosintesisi

Semantic extension: This involves the expansion of the meaning of an existing word in order to embrace a new meaning, e.g.

isiXhosa: xhathisa – balance (v); unzinzo esikalini – balance (n)

Yoruba: iyefun – pollen; iyefun – flour

Hausa: raga – grid; raga – net

6. Ngaba ukusebenzisa amagama emboleko yeyona ndlela ifanelekileyo yokuqulunqa isigama sokufundisa imathematika nezenzululwazi ngesiXhosa?

Zola Wababa noChristopher Diwu

Intshayelelo

Abafundi beza benawabo amagama nendlela abalibona ngalo ilizwe, into ke leyo ethetha ukuba xa iilwimi zabo zingasetyenziswa njengezixhobo zokuqala ekufundiseni, ekufundeni nasekuvavanyweni, oko kuthetha ukuba imfundo yethu ibadlala indlala. Kwiimeko ezininzi abafundi bafundiswa ngeelwimi zababefudula bengabathimbi bemihlaba, ezingasondelanga nokusondela kwiimeko zabo zentlalo noqoqosho. Iprojekthi yethu yophuhliso lwesigama ijoliswe ekuphuculeni nasekuqiniseni imbono yemfundo esekelwe kulwimi lweenkobe ngakwicala lokufundisa nelokufunda, kwaye ke ngale ndlela sishumayela okanye sikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi zasemakhaya ekufundiseni, ekufundeni nasekuvavanyeni. Ootitshala bakholisa ukusebenzisa iilwimi zeli zemveli xa befundisa izifundo ezingezizo ezolwimi xa becacisa izinto ezithile nasekulawuleni abafundi kwizifundo zabo. Ngeso sizathu ke ukuxuba iilwimi nokungena bephuma kwiilwimi ezahlukeneyo kusetyenziswa kakhulu ekufundiseni nasekufundeni njengesixhobo esiliqili lokudlulisela ulwazi kubafundi. Iincwadi zezifundo nezinye izincedisi zemfundo nazo zikhangeleka ngathi eyona njongo iphambili zibhalelwe yona kukunika abafundi iinkcukacha

okanye ulwazi nje endaweni yokwenza abafundi bakwazi ukuba bacinge baphande nokuphanda ngeelwimi zabo. Iinkcazo namagama esiNgesi antsokotho kakhulu asetyenziswa kwiincwadi zezifundo nakwezinye izincedisi zezifundo azinantsingiselo bakwaziyo abafundi abaninzi abantetho iziilwimi zesiNtu ukuyinxulumanisa nobomi babo bomhla nezolo. Ubungqina obufunyaniswayo bubonakalisa ukuba kwiilokishi ezininzi isiXhosa sisetyenziswa kakhulu ngaphezu kwesiNgesi ekufundiseni imathematika nezenzululwazi. Ngoko ke ngeprojekthi yesigama yethu siqulunqa uvimba wesigama sesiXhosa seenkalo zobugcisa nobungcali ezifana nemathematika, ezenzululwazi nezinye izifundo ezinobuntsompothi.

Imfuneko yophuhliso lwesigama ivele ngenxa yoku kulandelayo:

- Ukungabikho kwamagama athile abhekisele kwimathematika nezenzululwazi ngesiXhosa nangezinye iilwimi zesiNtu okwenza ukuba amagama abhekisele kwizizululwazi atolikwe gwenxa.
- Ukuguqula igama negama, kungajongwa kuze kugqithiselwe intsingiselo equlathwe ligama elo lezenzululwazi.
- Ukulibaziseka kokudinjazwa kobuqheleqhele bolwazi lwezenzululwazi oluqulathwe kumagama/kwiilwimi zemveli obeluya kunceda ekufundweni/ekuqondweni kwezifundo zenzululwazi nemathematika.
- Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi zesiNtu ekufundiseni nasekufundeni kwiinkalo zemfundo ezinobuntsompothi.
- Ukuphakamisa inqanaba lweelwimi zesiNtu kwimfundo.

Umsebenzi wophuhliso lwesigama

Ezi zichazi-magama zibhalwe ngeelwimi ezintathu zaseburhulumenteni bePhondo leNtshona Koloni, ngeenjongo zokuphakamisa umgaqonkqubo wolwimi walo, eyokuphucula ufikeleleko lootitshala nolwabafundi kweziqulatho zazo ngeelwimi zasemakhaya zabo, neyokubonakalisa ubuvuvu nobugwenxa benkolelo yokuba iilwimi zesiNtu azinakukwazi ukusebenziseka ukufundise izifundo zenzululwazi nemathematika, kuba zilambatha kwisigama, neyeyokugqibela, ekukuphakamisa ulwazi ngokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu njengeelwimi zokufunda nokufundisa (LoLT). Ezi zichazi-magama zijoliswe kootitshala nabafundi abakwisigaba esiphakathi nabakwesiphezulu phaya kwizikolo zaseprayimari, njengezincedisi zokufundisa nokufunda.

Ezona njongo ziphambili zezi zichazi-magama:

- Ukunceda ootitshala nabafundi kumagumbi okufundela eku-setyenziswa iilwimi ezininzi kuwo, ngokuthi banikwe amagama abhekiselele kwinzululwazi nemathematika kunye neenkcazelo zawo ngeelwimi ezintathu, ezizezi: isiXhosa, isiBhulu nesiNgesi.
- Ukuyila uvimba wesigama sezobugcisa/sezenzululwazi, ngakumbi esesiXhosa, khona ukuze kukwazake ukufundisa nokuvavanya ngeelwimi ezazifudula zisingeleke phantsi.

Umsebenzi neendlela zokuphuhlisa isigama

Iinkqubo zokuphuhlisa isigama zishwankathelwe kolu luhlu lungezantsi.

Eyengcinga (okuqulatiweyo)	uLwimi	Uqhagamshelwano
<ul style="list-style-type: none"> • Kule inkalo kujongwene nocikizeko nochaneko lwamagama/ lwam-abinzana <p>Umzkl. Masithi mhlawumbi besingenalo igama elithetha icomputer</p> <p>Besiya kuqala ngaphi ukuyila igama esiza kuyinika lona? Into yokuqala ebekuya kufuneka siyenze kukujonga inkangeleko yayo okanye iimpawu zayo nokuba isetyenziselwa ntoni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Kule inkalo kujongwene nochaneko lolwimi <p>Ukuba sivene ngegama elithile, umzkl. Ikhompyuta (ngesiXhosa), ngaba sivana sonke na ngendlela yokubhalwa kweli gama?</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Kule inkalo kujongwene nokwamkelwa kwamagama njen-gawona asesikweni/ avunye jikelele <p>Lo ke ngumsebenzi wokwamkelwa kwamagama ngabo bonke abasebenzi bolu lwimi.</p> <p>Igama kufuneka likwazi ukuba nentsingiselo ecacela wonke umntu osebenzisa olu lwimi, kungenjalo uphuhliso lwesigama lusuke lufane nje nokukhetha iimpukane emasini.</p>

Uluhlu 1: Iinkalo ezintathu emazivelielwe xa kuphuhliswa isigama

Ukukhethwa kwesigama

Izinto ezintathu ekubalulekileyo ukuzijonga

- **Inqanaba ekufundiswa kulo:** inqanaba lolwimi osetyenziswayo kufuneka luhambelane namanqanaba emfundo. Amagama asetyenziswa xa kufundiswa eprayimari kufuneka athambekele ngasekuca-

ciseni endaweni yokunika inkcazo-ntsingiselo njengawakwimfundo yasesekondari.

- **Uhlobo lwesifundo:** Kufuneka ukuba kubekho umahluko phakathi kwesigama esisetyenziswa kwizifundo ezahlukeneyo, umzkl isigama semathematika okanye senzululwazi yobomi (biology/life science).
- **Inqanaba labafundi:** Kubalulekile ukuba isigama sikhethwe ngokobudala babafundi okanye ngokwenqanaba labafundi. Abafundi kufuneka bangene nzulu ngokwezigaba kwisigama esinika inkcazo-ntsingiselo, njengokuba besiya benyukela kumabanga aphezulu nje. Umzkl. kwisigaba esiphakathi okanye esiphezulu.

Izimiselo zokuphuhlisa isigama esitsha

Ukudluliselwa kwentsingiselo: Sisimiselo esibaluleke kakhulu esi, kuba xa iintsingiselo zamagama zingadluliselwanga ngokufanelekileyo, akunakukwazeka ukusisebenzisa isigama kubomi bethu bomhla nezolo. Igama kufuneka **libe nentsingiselo echazwe ngokucacileyo, ngendlela elenza lisebenziseke lula** kuloo **nkalo ithile**, umzkl. inzululwazi, ubugcisa, urhwebo. Ukuguqula igama ngobunjalo balo kufuneka bucelwe kangangoko, kuba kungalahlekisa.

Ukubaluleka okuphambili koovimba abasele bekhona: Umphuhlisi wesigama kufuneka aqale ngokujonga indlela elusetyenziswa ngayo ulwimi umhla nezolo apha ekuhlaleni phambi kokuba aphume aye kukhangela amagama anokuwayila okanye abhenele kumagama emboleko avela kwezinye iilwimi umzkl. kuluhlu lwesigama esaphuhliswa lisebe elalisakuba lelemfundo yabaMnyama (*Bantu Education terminology list*).

Ubufutshane: Amagama amade kakhulu okanye amabinza amagama amade kufuneka acezelwe kangangoko, kuba kaloku kulindeleke ukuba amagama akhumbuleke lula, umzkl. kweli binzana: *kinetic energy, motion energy* – siza kuthi, ‘Amandla entshukumo’ okanye ‘Amandla-ntshumo’?

Unamathelo: Siyanamathela kwelo gama lithe layilelwa ukubhekisela kwinto ethile. Iye yaba nzima ke le nto, njengoko kwaye kwabakho uthotho lwezithetha-ntonye esiXhoseni abafuna ukuzigcina abantu umzkl. kweli gama: *magnet* = **isitsalane** (into ethi isebenzise amandla ayo ekutsaleleni kuyo ezinye izinto) okanye **umazibuthe** (othetha ukuqokelela) okanye igama lemboleko elithi **imagnethi**. Siye savumelana ngeli lithi **isitsalane**, kuba lelona gama siye savumelana ngalo ukuba ngokwakwinzululwazi lelona lichanekileyo.

Ukuyila njengendlela eliqili kuphuhliso lwesigama

- **Igama elinye:** La ngamagama anesiqu esinye esingenazifakelelo umzkl. igama lesiNgesi elithi:

	ngesiSwayili	ngesiXhosa
chest	kifua	isifuba
stem	shina	isiqu
water	maji	amanzi

- **Ambaxa:** Amagama amabini nangaphezulu athe adityaniswa enza igama elinye, umzkl. girrafe – **indlulamthi** = **dlula**+ **mthi** (isenzi+isibizo) (ukudlula umthi ngobude)

Ukuboleka njengenye yeendlela eziliqili: Xa kungenakwenzeka ukuyilwa lula kwamagama amatsha kulwimi oluthile ngokusebenzisa ezi nkqubo zichazwe ngentla apha, okubhenelwa kuko kukuboleka kwezinye iilwimi: **Umzkl:** isiFrentshi, isiGrike, isiLatini, isiNgesi, kanti nakwezinye iilwimi zesiNtu, umzkl. isiSwayili.

amagama emboleko: enzyme – enzayime
photosynthesis – ifotosintesis

Unabiso lwentsingiselo: lubandakanya ukunatyiselwa kwentsingiselo yegama elikhoyo kwelinye igama elitsha: umzkl.

isiXhosa: **xhathisa** – **balance** (isenzi) **unzinzo esikalini** – balance (isibizo)

Yoruba: Iyefun – ‘pollen’; iyefun – ‘flour’

Hausa: Raga – ‘grid’; raga – ‘net’

7. Developing multilingual glossaries from LSP Corpora to support concept literacy at institutions of higher learning

Dion Nkomo and Nolubabalo Tyam

A consensus now exists among sizeable sections of linguists and educationists that the use of a language other than one's home language as an academic medium hinders optimum concept literacy. In many countries where the so-called world languages such as English and French have dominated as official languages, the revision of national and educational language policies has resulted in an upsurge of language development activities in the indigenous languages. In some instances, the activities are either ill-motivated or lack both theoretical and practical guidance, resulting in some scholars from both the linguistics and educational sectors totally opposing the whole idea of developing indigenous languages. For example, the activities directed towards enhancing multilingual education in South Africa have been seen by others as a radical way of undoing the dominance of other languages executed during the apartheid era. This is due to the politicisation of the language question such that other important motivations are now conveniently ignored.

This presentation seeks to clarify the motivation of implementing multilingualism in the curriculum of higher learning and to demonstrate how the Multilingualism Education Project (MEP), housed at the Centre for Higher Education Development (CHED) at the University of Cape Town (UCT), envisages to achieve this. Although MEP champions a lot of activities which enable UCT staff and students to function multilingually not only within the university but also within the broader South

African society which adopted a multilingual national language policy as part of its democratic constitution, the focus of this presentation is on supporting concept literacy through the production of corpus-driven multilingual glossaries.

There are now many scholars such as Casterns (1999), Msimang (2000), Mphahlele (2004), Van der Walt and Fourie (2005) who have argued for and demonstrated the feasibility of the terminologisation of indigenous African languages to support teaching and learning in subjects such as Science. There are yet other scholars who are a bit critical and sceptical like Mesthrie (2008) who argue that some policy measures and implementation procedures may be necessary but not necessarily sufficient conditions for academic achievement. Such concerns are justified in view of wrong articulation and interpretation of the multilingual education agenda as well as lack of the required expertise in the production of the necessary tools. For example, given that the main challenges of implementing multilingual education policies have to do with translation and terminology, Mesthrie (2008: 331) laments that 'some proponents of multilingualism do not understand that translation and term creation are fraught with theoretical and practical difficulties'. This is unfortunate. However, if translation and term creation were more of impossibilities rather than challenges which could be overcome, then the whole multilingual education agenda would be in jeopardy. This is and should not be the case. What is critical is that all those who are aware of the problems search for practical and theoretical solutions. This is what this presentation is all about. After explicating how mother-tongue languages may be an alternative for concept literacy, it will then give an account of the on-going development of multilingual glossaries through MEP.

It is important to underline that this is an account of work in progress. The compilation of specialised (LSP) corpora for various subjects will be described. This will be followed by an account of how corpora are queried in order to generate and extract terms and data which is then used in their description. This entails the use of wordsmith tools to create term lists and concordances. It will be observed that this approach allays some of the fears expressed by scholars like Mesthrie (2008), but we acknowledge some of the challenges faced in the rendition of the glossaries in various languages, among others which emerge from this methodology. Finally, the methods of presentation and facilitating continuous development of the products are explained.

Discussion at the end of the presentation evolved around the selection of terms. Input from some delegates indicated that the frequency of the term in a text is not necessarily an indication of its importance in a specific subject. The suggestion is that while this form of term extraction can be useful, there needs to be an expert who will validate the importance of the terms in terms of the level at which they are taught. A strong suggestion also came from the floor that discipline experts need to be involved right from the beginning in the process of terminology development.

7. Ukuphuhliswa kweenkcazo- magama ezingeelwimi ezininzi kwiNgqokelela ye-LSP (LSP Corpora) ngeenjongo zokunika inkxaso kumaphulo okufundiswa kokubhala nokufunda kumaziko emfundo ephakamileyo

Dion Nkomo and Nolubabalo Tyam

Kungoku nje uvumelwano kumacandelo amaninzi eengcali zolwimi nezemfundo ngokuba ukusetyenziswa kolwimi olungelulo ulwimi lwasekhaya lwalowo ufundiswayo kuyayiqhwalelisa impumelelo yokufundiswa kokufunda nokubhala. Kumazwe amaninzi apho ezi lwimi kuthiwa ziilwimi zehlabathi, zifana nesiNgesi nesiFrentshi bezisoloko zizezona ziphambili ekusetyenzisweni njengeelwimi zaseburhulumenteni, ukuhlaziywa kwemigaqo-nkqubo yeelwimi kuye kwakhokelela ekuqhutyweni kwamaphulo amaninzi okuphuhliswa kweelwimi zemveli. Kwezinye iimeko la maphulo kukho ukuba athi kanti akacwangcisekanga kakuhle okanye akanaso isiseko sobungcali okanye isikhokelo ksokuwaqhuba, izinto ke ezo eziye zenze ukuba ezinye iingcali kwezeelwimi nakwezemfundo ziyichase kakhulu le ngcinga yokuphuhliswa kweelwimi zemveli. Umzekelo, amaphulo ajoliswe ekukhuthazeni ukusetyenziswa nokuthethwa kweelwimi ezininzi eMzantsi Afrika abonwa ngabanye abantu njengendlela yokugutyula nokungcwaba ukubekwa phambili kweelwimi ezithile ngexesha lolawulo localu-calulo. Le nto ke yenziwa kuvangwa kakhulu komba woolwimi nezopolitiko, kangan-

gokuba ngoku ezinye izizathu ezibalulekileyo azifumani ngqwalaselo.

Le ntetho-nkcazelo izama ukucacisa izizathu sokukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwikharithulam yemfundo ephakamileyo, nokucacisa indlela okunokufezekiswa ngayo oku, ngokokubona kwe*Multi-lingualism Education Project (MEP)* ephaya kwiYunivesiti yaseKapa (UCT) phantsi kweCentre for Higher Education Development (CHED). Nangona i-MEP iququzelela amaphulo amaninzi enza ukuba abasebenzi nabafundi base-UCT bakwazi ukusebenzisa iilwimi ezininzi kungekuko apha kumasango eyunivesiti kuphela, koko nalapha phakathi koluntu lwaseMzantsi Afrika ngokubanzi, olwathi lwamkela umgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengenxenywe yofezekiso lomgaqo-nkqubo walo wentando yesininzi, apho ijolise khona kakhulu le ntetho-nkcazelo kusekuxhaseni imbono yokufundiswa kokubhala nokufunda ngokuqokelelwa kweenkcazo-magama ezininzi ezingeelwimi ezininzi.

Ngoku zininzi kakhulu iingcali ezifana nooCasterns (1999), ooMsimang (2000), ooMphahlele (2004), ooVan der Walt nooFourie (2005), ezishumayela, zibonakalise nokubonakalisa, ukuba yinto enokwenzeka ukuqokelelwa kwezigama zeelwimi zemveli ekuxhaseni ukufundiswa nokufundwa kwezifundo ezifana neseNzululwazi. Kukwakho kananjalo nezinye iingcali ezifana noMesthrie (2008) eziyigxekayo nezingekayiginyi ncam le mbono, ngelithi amanye amalinge omgaqo-nkubo nezinye iinkqubo zokuyisebenzisa asenokuba yimfuneko, kodwa azikho ngokwaneleyo zona iimeko zokunyusa impumelelo kwimfundo ephakamileyo. Iinkxalabo ezinje ziyavakala xa kujongwa ubugwenxa bendlela achazwa nalitolikwa ngayo amaphulo okusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwanokunqongophala kobungcali bokuvelisa izixhobo ezifanelekileyo. Umzekelo, njengokuba imingeni ephambili ekuqhutyweni kwemigaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi iluguqulelo nesigama, okaMesthrie (2008: 331) ulilisela ngelokuba 'abanye abangabashumayeli bokusetyenziswa kweelwimi ezininzi abaqondi kakuhle ukuba uguqulelo noyilo lwesigama zizinto ezikhatshwa bubunzima ngakwicala leenkcazo-bungcali nakwelokuqhutywa kwazo'. Ibhulungu ke le nto. Kambe ke, ukuba ngaba uguqulelo noyilo lwesigama ibizizinto ezingenakwenzeka endaweni yokuba yimizingeni nje, imbono yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ibiya kuba semngciphekweni wokubhanga. Le into ke ayinjalo, kwaye ayifanelanga nokuba njalo. Into ebaluleke kakhulu kukuba bonke abo bazibonayo ezi ngxaki mabangene kwiphulo lokukhangelwa izisombululo ngakwicala leenkcazo-bungcali nakwelokuqhutywa. Le ntetho-nkcazelo ke kulapho ijolise khona. Emva kokuba kucacisiwe ukuba

iilwimi zeenkobe zingasebenziseka njani na njengendlela eyenye ykufundisa ukubhala nokufunda, iya kuthi ke ichaze uphuhliso lweenkcazo-magama ezingeelwimi ezininzi oluqhutywa nge-MEP.

Kubalulekile ukuba igxininiswe indawo yokuba le yinkcazelo ngomsebenzi osaqhutywayo. Ukuqulunqwa kwengqokelela yeenkalo ezithile (LSP) elungiselelwe izifundo ngezifundo iza kuchazwa. Oko ke kuya kulandelwa yinkcazo yendlela ezihlatywa ngayo amadlala ezi ngqokelela, khona ukuze kuveliswe amagama neenkukacha ezithi ke zisetyenziswe kwiinkcazo zawo. Oko ke kubandakanya ukusetyenziswa kwezixhobo zobungcali bokuyila amagama ekuqulunqeni izintlu zamagama neencwadana zeenkcazo zamagama abalulekileyo asetyenziswa kwiinkalo okanye kwizifundo ezithile. Kuya kuqatshelwa ke ukuba indlela ekusetyenzwa ngayo iyalulalisa ufuba kwiingcali ezifana nalo kaMesthrie (2008), kodwa ke siyazivuma zona ezinye zeengxaki ekudityanwa nazo ekuqulunqweni kweenkcazo-magama kwiilwimi ngeelwimi, nezithi ezinye zazo zivele kule ndlela yokusebenza. Elokuqokumbela ke, ziyachazwa iindlela zokwenza intetho-nkcazelo nezokwenza lula umsebenzi wophuhliso lweziphumo.

Ingxoxo apha yona ijikeleze kumba wokukhethwa kwesigama. Abo beebhona bathe ukuxhaphaka kwegama kumbhalo othile akubonisi ukuba elo gama libalulekile kweso sifundo. Icebo elaye lanikwa lelokuba nangona eli cebo lokukhupha isigama lingaluncedo, kufanele kubekho umntu oyingcali kweso sifundo oza kuqinisekisa ukubaluleka kweso sigama ngokuhambela nenqanaba esifundiswa kulo eso sifundo. Kuye kwacetyiswa nokuba iingcali ngesifundo eso kufuneka zibandakanywe kwasekuqaleni kwenkqubo yophuhliso-sigama.

8. Inkqubo yophuhliso lwesigama se-ICT ngesiXhosa

Msindisi Sam, Lorenzo Dalvit, Pamella Maseko

Kubalulekile ukuba iilwimi zesiNtu zisetyenziswe kumaziko emfundo nakwezinye iinkalo. Kwiminyaka edlulileyo ezi lwimi bezibekwe kwelokulibala. Apha eMzantsi Afrika ezi lwimi bezisetyenziselwa ukucalu-calula iintlanga, hayi ukusetyenziswa njengeelwimi zokuphuhlisa uluntu. Urhulumente wengcinezelo uthathe ixesha elide ephuhlisa kuphela iilwimi zaseNtshona (isiNgesi nezinye), engazikhathalelanga iilwimi zesiNtu (Kaschula noAnthonissen, 1995:98). Le nto ibangele ukuba ezi lwimi zingasetyenziswa ngokupheleleyo njengeelwimi zokufundisa. Ezinye zezizathu ezibangela ukuba abantu bazichase iilwimi zesiNtu kukukhankanya indima yokunqongophala kwesigama, ukungabikho ngokupheleleyo kwezixhobo zokufundisa, njalo njalo. Le mingeni ifana nokunqongophala kwesigama ithande ukuqatsela kwiinkalo ezifana nobuGcisa nobuChwepheshe, Izifundo zoPolitiko, njalo njalo (Webb & Kembo-Sure, 2000, NCHE 1996). U-Osborn (2006) uyayikhaba into yokusengela phantsi ukuphuhlisa nokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu ngelithi nazo ezi ziiilwimi ekufanelekileyo ukuba zisetyenziswe kwezemfundo nakwiinkalo eziphuhlileyo efana nezeNzululwazi nobuGcisa. Uqhuba ngelithi naliphi na ulwimi kufaneleke ukuba lunikwe ithuba lokuba lwandise amathuba okufikelela kubuchwepheshe banamhlanje ngakumbi xa kukho abantu abalusebenzisayo. Uye athi ukusetyenziswa kweelwimi zaseNtshona zodwa kubeka abo bathetha iilwimi zesiNtu esichengeni, yaye oko kubangela ukuba sithandabuze nekamva lezilwimi zesiNtu zingasetyenziswayo (Osborn, 2006:86).

Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika uyayikhankanya indima yokubaluleka kokuphuhlisa nokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu (Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika 1996). Akhona namanye amaq-

umrhu, imibutho yabucala namaziko aphantsi korhulumente athabatha inxaxheba ekuphuhliseni isigama nezixhobo zokufundisa ngeelwimi zesiNtu (U-PRAESA, UTranslate.org, U-PanSALB). Kuphando olwenziweyo yinxalenye yabafundi abaphumelela emagqabini ngabo babhala iimviwo besebenzisa iilwimi zabo zeenkobe. Kwiphondo laseNtshona-Koloni uninzi lwabafundi bathetha isiBhulu yaye iimviwo zabo bazibhala ngolwimi lwabo lweenkobe. Oku kuye kwabangela ukuba bafumane iziphumo ezincomekayo kwiimviwo zebanga leshumi (Heugh 2002). Eyona nto ingumngeni ekusetyenzisweni kweelwimi zesiNtu okwangoku kukunqongophala kwesigama nezixhobo zokufundisa eziphuhlise ngezi lwimi.

Kwimihla esiphila kuyo ii-ICTs (umzekelo: iikhompyutha, i-intanethi, oomabona-kude nezinye) zibalulekile ngakumbi ekuphuhliseni ulwazi nokufikelela kwiinkonzo ezilulutho eluntwini yaye zinceda ukuba abantu abahlala kwiindawo ezahlukeneyo bakwazi ukwabelana ngeenkukacha. Oku kuquka ukuphuhlisa kwezoqoqosho, imfundo noluntu ngokubanzi. Kutsha nje nabantu abahlala emaphandleni nasezilalini nabo bayaxhamla ekusebenzisweni ubuxhaka-xhaka bekhompyutha njengokuba ukusetyenziswa kwee-ICTs kukhula mihla le. Owona mngeni ubangela ukuba abantu abasemaphandleni nasezilalini bangafikeleli ngokupheleleyo kwii-ICTs lulwimi. Inxalenye yezixhobo ze-ICT iphuhlise ngesiNgesi yaye apha eMzantsi Afrika isiNgesi lolona lwimi lusetyenziswayo ezifundweni nakweminye imimandla. Ukuze ubani axhamle kumathuba amaninzi afana nemisebenzi okanye ukusebenzisa iikhompyutha kufanele ukuba akwazi ukuthetha isiNgesi. Kubantu abaphuma kumakhaya ahlelelekileyo nasezilalini apho isiNgesi singasetyenziswa mihla le oku kungumngeni. Apha eMzantsi Afrika bambalwa abantu abakwaziyo ukuthetha isiNgesi ngendlela efanelekileyo. Oku kuthetha ukuba abona bantu bafikelelayo kwii-ICTs ngabantu abafundileyo yaye inxalenye yabantu abafundileyo bahlala kwiidolophu (Osborn 2006). Njengoku ifuthe lokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu liye likhula yaye kwenziwa iinzame zokuphuhlisa izixhobo zokufundisa ngezi lwimi, lo mngeni wokufikelela kwi-ICT ungasonjululwa ngokuthi kuphuhlise isigama nezixhobo ngeelwimi zesiNtu. Ii-ICT zingenza indima enkulu ekuphuhliseni isigama njengokuba zibangela ukuba bonke abantu abathetha ulwimi oluthile banxibelelane yaye zingacutha amathuba okuchitha imali eninzi ekuphuhliseni izixhobo zokufundisa. I-Intanethi iya kubangela ukuba wonke umntu okweli limiyo afikelele kwizixhobo zokufundisa. Oku kwahlukile kunaxa ubani esebenzi-

sa iincwadi, kuba zona zifuna ukuba kuveliswe amawaka-waka eencwadi eziza kuthi zisasazwe kwilizwe lonke.

Kweli phepha sithetha ngendima yokuphuhlisa kwesigama se-ICT ngesiXhosa. Eli lelinye lamaphulo okuzama ukuvelisa izixhobo ezibhalwe ngolwimi lwesiNtu, injongo ikukuphuhlisa ezi lwimi zikwazi ukusetyenziswa ngokupheleleyo ezikolweni nakwiinkalo eziphuhlileyo. Eli phulo lithatyathwa yiprojekti iSANTED ephantsi kweCandelo leZifundo ngeelwimi zesiNtu. Lona eli candelo likwiSikolo seeLwimi kwiYunivesithi yaseRhodes. Le projekti yintsebenziswano phakathi kukarhulumentu weli loMzantsi Afrika kwakunye nowaseNoweyi yokuphuhlisa imfundo kumaziko emfundo ephakamileyo kweli loMzantsi Afrika. Le projekti inamalungu afunde izifundo ezahlukeneyo. Oku kuquka ubuChwepheshe beKhompyutha, izifundo zoLwimi nezifundo zoNxibelelwano. Isininzi sala malungu athetha isiXhosa njengolwimi lwawo lweenkobe. Ezi zakhono zahlukeneyo zala malungu zibalulekile, kuba kolu phuhliso lwesigama se-ICT ziveza izimvo ezahlukeneyo.

Apha kwesi siqendu sephepha sixoxa ngeendlela ezisetyenzisiweyo ukuyila isigama se-ICT ngesiXhosa. IsiXhosa sikhethwe ngenxa yokuba lolona lwimi luthethwa ngabantu abaninzi apha eMpuma Koloni. Kananjalo kuxwebhu loMgaqo-Nkqubo woLwimi waseRhodes ikhankanyiwe indima yokubaluleka kokuphuhlisa kwesiXhosa njengolwimi lokufunda nokufundisa (Umgaqo-Nkqubo woLwimi weYunivesithi iRhodes 2005). Isigama sethu sithatyathwe kwincwadi esetyenziswa ngabafundi abafunda intshayelelo kubuChwepheshe beKhompyutha eRhodes. Inguqulelo yegama nganye inengcaciso ebhalwe ngesiXhosa size sinike imizekelo ukucacisa banzi igama elo. Zintathu iindlela ezisetyenzisiweyo ukuvelisa amagama, ezizezi: isigama esibolekiwo, isigama esiguqulelweyo kwakunye nesigama esiyiliweyo ngokomsebenzi welo gama.

Isigama semboleko siquka amagama athe abolekwa esiNgesini. La magama akakho kulwimi ekugqaliswe (isiXhosa) kulo; loo nto ibangele ukuba abaguquleli balithathe igama baliguqulele lifaneleke kulwimi ekugqaliswe kulo. Kubakho utshintsho olukhoyo kuhlobo olubhalwe ngalo igama, kodwa akukho mahluko ungako xa igama ulifunda. Abaguquleli balandela imithetho yolwimi ekugqaliswe kulo. Oku kuthetha ukuba kufakelwa isimaphambili kulandelwe neminye imiyalelo yolwimi. Inxalenye yezibizo kwiilwimi zesiNtu zibhalwa ngokudibanisa iceba kwisiqu segama, e umzekelo igama u- 'computer' ngesiXhosa ngu- 'ikhompyutha' (i- + -khomyutha). Nalu uluhlu lwamagama e-ICT emboleko:

<i>Amagama e-ICT abhalwe ngesiNgesi</i>	Amagama e-ICT abhalwe ngesiXhosa
File	Ifayile
Circuit	Isekethi
Chart	Itshati
Email	Imeyile
Internet	I-Intanethi
Web	Iwebhu
Slide	Isilayidi
Computer	Ikhompyutha
Average	I-avareji

Isigama esiguqulelweyo siquka amagama athe aguqulelwa esiXhoseni engakhange abolekwe kulwimi lwentsusa. Indlela elibhalwe ngayo igama kwakunye nohlobo elibizwa ngalo konke oko kwahlukile kulwimi lwentsusa (isiNgesi). Eli gama liguqulelwe ngokwendlela elisetyenziswa ngayo kulwimi ekugqaliswe kulo. La magama ngamagama asele ekhona kulwimi ekugqaliswe kulo. Uya kuqwalasela ukuba inxalenye yamagama aguqulelwe kwiilwimi zesiNtu athanda ukuba made kwaye aba yindibanisela yezibizo. La alandelayo ngamagama aguqulelweyo:

<i>Amagama e-ICT abhalwe ngesiNgesi</i>	Amagama e-ICT abhalwe ngesiXhosa
<i>Adjustment</i>	Utshintsho lolungelelwaniso
<i>Alignment</i>	Ulungelwaniso
<i>Bold</i>	Ngqindilili
<i>Bullets</i>	Iimbumbulu
<i>Cut</i>	Ukusika
<i>Column</i>	Umgca ohlayo
<i>Deletion</i>	Ukucima
<i>Indent</i>	Ushenxiso
<i>Line spacing</i>	Isithuba phakathi kwemigca
<i>Find</i>	Fumana

Isigama esiyiliweyo siquka amagama athe ayilwa ngokwemisebenzi yawo. Amanye amagama ayilwe ngokulandela amabakala ayanyaniswa nenkcubeko yakwaXhosa. Umguquleli uguqulela igama okanye ilungu lekhompyutha

ngendlela elisetyenziswa ngayo ngokuthi ajonge into eyeleleneyo kwink-cubeko yakwaXhosa. Umzekelo wegama elithe laguqulelwa ngokulandela le ngcaciso ingentla ngu*wizard* lona liguqulelwe ngokuba 'ngumvumisi'. Umvumisi ngumntu onyangayo kwaXhosa (igqirha) othi avumise xa ezama ukuhlola ukuba yintoni ekhathaza isigulana eso. Ngokwekhompyutha i*wizard* (umvumisi) sisixhobo sekhompyutha esingabambekiyo esithi sikhokele umsebenzisi- khompyutha xa efaka izixhobo zekhompyutha ezingabambekiyo. Zithi ezi zixhobo zikhokele umsebenzisi ngemiyalelo ethi imncedise ekufakeni ezo zixhobo zingabambekiyo. Nanga amanye amagama athe ayilwa:

<i>Amagama e-ICT abhalwe ngesiNgesi</i>	Amagama e-ICT abhalwe ngesiXhosa
<i>Client</i>	Umxhotyiswa
<i>Client/Server</i>	Umxhotyiswa-mxhobisi
<i>CPU</i>	Ingqondo yekhompyutha
<i>Default</i>	Uselekho
<i>Keyboard</i>	Isichwethezi
<i>Motherboard</i>	Umqolo wekhompyutha
<i>Server</i>	Umxhobisi
<i>Wizard</i>	Umvumisi

Esi sigama se-*ICT* siyafumaneka kwiwebhu ku-<http://isixhosa.ru.ac.za>. Sikwafumaneka nanjengeencwadana. Oku kubangela ukuba abafundi bakwazi ukuveza ezabo izimvo malunga neqondo legama galinye. Abafundi bayakwazi ukucebisa banike igama ngalinye amanqaku. Esi sigama siza kuhlolwa kwizikolo ezisemaphandleni. Oku kuza kwenza indima ekuphuhliseni ukusebenzisa isigama se-*ICT* esibhalwe ngesiXhosa.

Ezi ngxoxo zingentla ziye zalandelwa yiseshoni apho bonke abantu abebethatha inxaxheba kule ntlanganiso baye babelana nabanye malunga neendlela abazisebenzisayo ukuphuhlisa isigama. Abantu abaninzi bayablangana, kukhethwe isigama ziingcali ze siguqulelwe zizo iingcali zesifundo eso nezolwimi. Kukwachazwe nokuba i-UKZN kunye neLRDC yesiZulu zinentsebenziswano entle kakhulu kwaye amaxesha amaninzi le LRDC iba yinxenye yale nkqubo.

8. Process of developing ICT terminology in isiXhosa

Msindisi Sam, Lorenzo Dalvit, Pamela Maseko

It is important that African languages should be used in other domains at institutions of higher education. In the past these languages were relegated to oblivion. Here in South Africa these languages were used as instruments of racial division, rather than for development. The apartheid regime invested a lot of time in the development of the languages of the West (English and others), paying no attention at all to African languages (Kaschula & Anthonissen, 1995: 98). This led to a situation in which these languages were not sufficiently used as languages of teaching. Some of the reasons for people to oppose the use of African languages as languages of teaching and learning include lack of terminology, insufficient teaching and learning (resource) material, etc. Challenges like lack of terminology have become pervasive in such domains art and technology, political studies, etc. (Webb & Kembo-Sure, 2000: NCHE, 1996). Osborn (2006) rejects the indifference meted out to the development and use of African languages, arguing that these languages can be used effectively in such specialised domains as science and art. He goes on to say that any language should be given the opportunity to extend and refine its capacity to handle today's technological complexities, especially when there are people who use that language. He says that the exclusive use of the languages of the West tends to disadvantage those who speak African languages and to make us pessimistic about the future of these languages (Osborn, 2006:86).

The South African Constitution attaches a lot of importance to the development and use of African languages (Constitution of the Republic of

South Africa, 1996). There are other councils, private sector organisations and government institutions that are actively involved in the development of terminology and teaching and learning material as tools in the use of African languages as languages of teaching and learning (PRAESA, Translate.org, PanSALB). Research conducted has shown that some of the students who pass with flying colours are those that use their mother languages when they write their examinations. In the Western Cape the majority of learners speak Afrikaans and they write their examinations in their mother languages. This result of this has been that they obtain relatively good results in the matric examinations (Heugh, 2002). What is a challenge in the use of African languages currently is lack of terminology and teaching and learning material that has been originated in these languages.

Today ICTs (e.g. computers, internet, television and others) are very important, especially in knowledge development and accessing of essential services and they enable people living in different places to share information. This includes the development of the economy, education and social development in general. Today even people who live in rural areas are also enjoying access to computer equipment, as the use of the ICTs is growing rapidly. The biggest challenge that stands between rural people and access to the ICTs is language. Some of the ICT software has been developed in English, and in South Africa English is the language that is used in education and other domains. For one to be able to enjoy the many opportunities, such as employment opportunities or the ability to use a computer, one must be able to speak English. People who come from poor families and rural areas where English is not used on a daily basis, this is a big challenge. In South Africa there are very few people who can speak English fluently. This means therefore that people who have access to the ICTs are the educated and most educated people are in the urban areas (Osborn, 2006). As the need for the use of African languages is growing gradually and as there are efforts to develop teaching and learning material in these languages, the problem of access to the ICTs can be solved through the development of terminology and teaching and learning material in the African languages. ICTs can play a very significant role in terminology development because they can facilitate communication among all the people who speak a particular language, and furthermore, they can reduce spending on the development of teaching and learning material. The internet will enable everybody to have access to teaching and learning material, which is different from the use of books, because books

need to be produced in thousands that are going to be distributed to all parts of the country.

In this presentation we discuss the issue of ICT terminology development in isiXhosa. This is one of the attempts to develop teaching and learning material in the African languages, with the aim of promoting a broad use of these languages in schools and in specialised domains. This initiative is under the auspices of the SANTED Project which is housed in the African Languages Studies Section of the School of Languages at Rhodes University. The project is a joint venture of the South African and the Norwegian governments in educational development at the institutions of higher education in South Africa. Participants in this project come from a variety of educational fields, which include ICT studies, language studies and communication studies. The majority of these participants are mother tongue speakers of isiXhosa. The varying skills of these participants are very useful to the development of ICT terminology, because they bring in a variety of angles in the approach.

In this section of the presentation we discuss the approaches used in developing ICT terminology in isiXhosa. IsiXhosa has been chosen because it is the language spoken by the majority of people in the Eastern Cape. Furthermore Language Policy Document of Rhodes University the issue of the development of isiXhosa as a language of teaching and learning (Rhodes University Language Policy, 2005). Our terminology is taken from a book that is used by students of Introduction to Computer Studies at Rhodes University. The translation of each term is followed by an explanation given in isiXhosa and examples are given for further clarification. There are three ways in which terms are developed, viz.: borrowing (loan words), translations, and coinages that are based on the function of the item.

Borrowed terms include words borrowed from English. These do not exist in the target language (isiXhosa), and therefore the translators will take the words and write it in a manner that is appropriate to the orthography of the target language. There will therefore be a change in how the word is written but with not much difference in how it sounds. The terminologists follow the word structure rules of the target language, such as the insertion of prefixes, and others. In some African languages nouns are formed by prefixing an article to the stem, for example the word 'computer' is 'ikhompyutha' (i + khompyutha) in isiXhosa. Here is a list of ICT borrowed terms:

<i>ICT terms in English</i>	ICT terms in isiXhosa
File	Ifayile
Circuit	Isekethi
Chart	Itshati
Email	Imeyile
Internet	I-Intanethi
Web	Iwebhu
Slide	Isilayidi
Computer	Ikhompyutha
Average	I-avareji

The terminology includes words that have been translated into isiXhosa, without borrowing from the source language. The way in which the word is written and pronounced is different from the source language (English). In the target language this word has been translated according to its use in the target language. These are words that already exist in the target language. One notices that some words that have been translated into African languages tend to be long and are mostly compounds in the case of nouns. The following are translated words:

<i>ICT terms in English</i>	ICT terms in isiXhosa
<i>Adjustment</i>	Utshintsho lolungelelwaniso
<i>Alignment</i>	Ulungelwaniso
<i>Bold</i>	Ngqindilili
<i>Bullets</i>	Iimbumbulu
<i>Cut</i>	Ukusika
<i>Column</i>	Umgca ohlayo
<i>Deletion</i>	Ukucima
<i>Indent</i>	Ushenxiso
<i>Line spacing</i>	Isithuba phakathi kwemigca
<i>Find</i>	Fumana

Coinages include terms that have been coined according to their respective functions. Some words have been coined by associating them with some cultural practice of amaXhosa. The terminologist translates the word or the computer concept by associating its function with a similar concept in the culture of amaXhosa. An example of a word that has been translated in this way is 'wizard' which has been translated by 'umvumisi'. 'Umvumisi' (*igqirha*) in isiXhosa is someone invokes the assistance of the spirits in finding the cause of the illness or misfortune of the patient/client. In the context of computer language 'wizard' (*umvumisi*) is an intangible facility that assists a computer user when installing some software. This software then, through a series of commands, guides the user in installing the intangible facility. Here are other terms that have been coined:

ICT terms in English	ICT terms in isiXhosa
Client	Umxhotyiswa
Client/Server	Umxhotyiswa-mxhobisi
CPU	Inggondo yekhompuyutha
Default	Uselekho
Keyboard	Isichwethezi
Motherboard	Umqolo wekhompuyutha
Server	Umxhobisi
Wizard	Umvumisi

This ICT terminology is obtainable from the website <http://isixhosa.ru.ac.za>; it is also available in a book form. This enables the learners to express their views about each term. Learners are able to give advice and to give points to each term. This terminology is going to be piloted at rural schools; this will contribute to the promotion of the use of isiXhosa in ICT.

The presentations above were followed by a short session in which other delegates shared on methods and tools they use in developing terminology. Most delegates use a 'workshop style' where terms are selected by discipline experts, then developed in collaboration with experts and language specialists. UKZN also has a good working relationship with the IsiZulu LRDC and they are often part of the process.

9. Terminology development and promotion of multilingualism in HEIs

Lorenzo Dalvit

Terminology development and use at Higher Education Institutions (HEIs) in South Africa is at the core of the debate on multilingualism in education. In this paper I attempt to answer the question 'why developing and using terminology in African languages at HEIs?' by highlighting the paradoxes inherent to the debate, as well as its ideological and practical implications. I conclude with some reflection based on the SANTED experience at Rhodes University.

Under apartheid, terminology development in the African languages supported their official status in the homelands and their use as media of instruction for the first years of schooling. Some scholars argue that these efforts only served the interests of the apartheid government in marginalising speakers of an African language and that the quality of the terms developed was poor (Van Huyssteen, 2003). According to these scholars, this contributes to the negative stigma affecting the use of African languages today. Other authors (Mahlalela-Thusi & Heugh, 2001) see these past experiences as proof that African languages can indeed be developed and used for use in education, provided that the political will and institutional support is there. These contrasting views suggest that there is more to the debate on terminology development in the African languages than just pedagogical and linguistic considerations.

The ideological dimension of the debate is highlighted by what one could call the *paradox of terminology development* (see Alidou & Mazrui, 1999; Webb & Kembo-Sure, 2000). On the one hand, African languages

are excluded from the academic domain because of lack of appropriate terminology. Developing such terminology is an expensive and lengthy process, especially if one considers that all nine indigenous African languages are affected. On the other hand, one could argue that there is little motivation to develop terminology in languages which are not effectively used in the academic context. In a democratic country like South Africa, the development of African languages should ideally enjoy the support of their own speakers. Some evidence (see Barkhuizen, 2001) suggests that this is not the case.

Given this context, one might wonder why South African HEIs should develop and use terminology in the African languages at all. This dilemma relates to what Janks (1998) calls the *access paradox*. On the one hand, use of terms in the African languages promises to support understanding of content subjects by members of marginalised communities with low levels of English proficiency. On the other hand, becoming familiar with terms in such languages excludes their speakers from the powerful academic discourse dominated by English terminology. Supporters of Cummins's (1986) interdependence hypothesis could argue that development of mother-tongue Cognitive Academic Language Proficiency (CALP) supported by terminology in an African language can be transferred to the target language (i.e. English). In simpler words, terms in an African language can be used as 'stepping stones' towards mastering their English equivalents.

By itself, terminology in the African languages cannot be expected to support the development of academic proficiency in either language. Terminology development and implementation must be part of an integrated approach, which supports the creation of an original discourse (be it bilingual or purely in an African language). New terms should be created and presented as part of meaningful texts, such as teaching material or even academic publications (such as the present one!). An integrated approach would support the common practice of code-switching between English and African languages at all levels. In spite of negative attitudes of both teachers/lecturers and students, a more coordinated and structured use of two languages could bring about pedagogical benefits and constitutes a better reflection of the multilingual reality of many students in South Africa (Setati et al., 2002).

General lack of support for African languages among their speakers begs the question of who should drive the process of terminology development. As noted by Wright (2007), terminology development in the African

languages might be seen as serving the agenda of self-interested institutions and academics. A 'top down' approach to development contradicts the recommendation of the LANGTAG (1996) and could make the implementation of new terminology problematic. HEIs can rely on multi-disciplinary resources, material and immaterial, to support research, teaching and outreach. This puts HEIs in a prime position to coherently develop, trial, monitor adoption of and disseminate new terminology. My own PhD research (Dalvit 2009) was informed by such an approach and was integrated within the SANTED programme at Rhodes University. My findings indicate that getting isiXhosa-speaking university students involved in the development and use of terminology in their mother tongue improves their overall attitudes towards the use of African languages in education, even in the English-dominated field of Computer Science.

Terminology development within the SANTED programme at Rhodes University supports multilingualism by promoting the use and status of isiXhosa in several different ways. Interventions in Computer Science aims at increasing access for speakers of isiXhosa to a high-status but historically English-dominated field of study. Terminology developed in this field is part of teaching material (a bilingual glossary and manual) used both by Rhodes students and within outreach computer literacy projects in townships and rural areas. Its impact and adoption are the object of scholarly research by members of the programme. Terminology in the fields of Law and Pharmacy has been developed and integrated in second language courses and teaching material. Students in these fields interact with the predominantly isiXhosa-speaking Grahamstown community as part of their training. All terminology is developed collaboratively according to the *translate@thon* method. A multi-disciplinary team (composed of SANTED members as well as students) works collaboratively during intensive sessions. The success of this model has attracted interest in collaboration by other departments within the University (e.g. Politics, Education, Journalism, etc.).

Our initial experience allows us to venture some speculations about future developments. As we expand to other departments, differences in approaches to development and role of terminology between the various disciplines will emerge. As we gain experience, we will also be in a better position to comment on the best strategies for terminology development, particularly in relation to the use of borrowings as opposed to indigenous terms. Collaboration across languages, such as the experience of the present

workshop, promises to yield interesting insights into the commonalities, intelligibility and possible interoperability of terminology in closely-related languages. One could argue that a synergetic approach could make it easier in the future to exchange academic texts and teaching material between isiXhosa and isiZulu, for instance.

In conclusion, we see our experience in terminology development as having a catalytic effect in spear-heading multilingualism at Rhodes. Our integrated, multi-disciplinary and participatory approach received extensive support from the management as well as the students, as well as attracting interest from the media and the academia. We believe this emphasises the role of terminology development programmes at HEIs in promoting multilingualism. Such efforts can contribute to countering one of the main arguments to exclude African languages from the academic domain: perceived lack of appropriate terminology.

9. Ukuphuhliswa kwesigama nokukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kumaziko emfundo ephakamileyo

Lorenzo Dalvit

Uphuhliso lwesigama nokusetyenziswa kwaso kuMaziko eMfundo ePhakamileyo (HEIs) eMzantsi Afrika yeyona nto iphambili kwiingxoxo ezimalunga nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi emfundweni. Kweli phepha ndizama ukuphendula umbuzo othi, 'kutheni kuphuhliswa, kusetyenziswa isigama seelwimi zesiNtu kuMaziko eMfundo ePhakamileyo?' ngokuthi ndigxininise iindawo ezingathi zilungile kodwa zijoliseke kwiziphumo ezigwenxa kule ngxoxo, ngokunjalo nakwifuthe lako ngakwi-inkolelo zezopolitiko nakoko kufanele kwenziwa. Ndiqokumbela ngeembono ezisekelwe kumava endiwafumene kwi-SANTED kwiYunivesithi yaseRhodes.

Phantsi kombuso wocalu-calulo, uphuhliso lwesigama kwiilwimi zesiNtu lwalujoliswe ekuxhaseni ukusetyenziswa kwazo njengeelwimi zaseburhulumenteni kumaphandle nasekusetyenzisweni kwazo ekufundiseni ngazo kwiminyaka yokuqala esikolweni. Ezinye iingcali zithi la malinge yayingamalinge awayejoliswe ekuncediseni urhulumente wocalu-calulo ekuchwetheleni bucala abo bathetha iilwimi zesiNtu, nokuba umgangatho wesi sigama saqulunqwayo wawuphantsi kakhulu (Van Huyssteen, 2003). Ngokwezi ngcali le nto inegalelo kutshabhiseko lokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu namhlanje. Abanye ababhali (Mahlalela-Thusi & Heugh, 2001) bawabona la mava njengobungqina bokuba eneneni iilwimi

zesiNtu zingakwazi ukuphuhliseka, kunjalo nje zisetyenziswe emfundweni, kodwa ke xa ngaba kukhona ukuzinikezela kuloo nto ngakwicala likarhulumente, kwaye akhona namaziko okunika inkxaso. Ezi zimvo zingqubanayo zisixelela ukuba kuninzi okunye okubandakanyekayo kule ngxoxo yophuhliso lwesigama kwiilwimi zesiNtu okungaphandle kwemiba yemfundo neyolwimi.

Eli cala leenkolelo zezopolitiko apha kule ngxoxo lugxininiswa yinto anokuthi umntu xa eyibiza *bubumbolombini bophuhliso besigama* (jonga kuAlidou & Mazrui, 1999; Webb & Kembo-Sure, 2000). Ngenx' enye, iilwimi zesiNtu zichwethelwa bucala kwinkalo yemfundo ephakamileyo ngenxa yokunqongophala kwesigama esifanelekileyo. Ukuphuhliswa kwesigama esilolo hlobo kuziindleko, kwaye ngumsebenzi othatha ixesha elide kakhulu, ngakumbi xa umntu ejonga nendawo yokuba zolithoba iilwimi zesiNtu ziyachaphazeleka. Kanti ke ngenx' enye, umntu angatsho nokuthi luncinane kakhulu uthakazelelo lokuphuhliswa kwesigama kwiilwimi ezingasetyenziswa ngempumelelo kwinkalo yemfundo ephakamileyo. Kwilizwe elilawulwa ngentando yesininzi, njengoMzantsi Afrika lo, uphuhliso lweelwimi zesiNtu lufanele ukuba lufumane inkxaso yabo bathetha ezi lwimi. Ubungqina bona bubonakalisa ukuba ayinjalo loo nto (jonga kuBarkhuizen 2001).

Phantsi kwemeko enjalo ke, umntu angaye azibuze ukuba ngaba kutheni na amaziko emfundo ephakamileyo aseMzantsi Afrika kufuneka ephuhlise asebenzise isigama seelwimi zesiNtu. Le ngxaki ya kulaa nto ithethwa nguJanks (1998), athi *bubumbolombini bofikeleleko (access paradox)*. Kanti ke ngenx' enye ukusetyenziswa kweelwimi zesiNtu kunika ithemba lokuqondwa kokuqulathwe kwizifundo ezingezoelwimi ngabo bavela kwiindawo ezisingeleleke phantsi, apho ulwazi lwesiNgesi lukumazinga asezantsi. Kwelinye icala ke ukusazi esi sigama ngezi lwimi kuphela kubakhethele ecaleni abo bathetha ezi lwimi kwiingxoxo zemfundo ephakamileyo, ekugquba kuyo isiNgesi. Abo bamxhasayo uCummins's (1986) kuluvo lwakhe ngoxhomekeko lomnye komnye banokuthi uphuhliso lwe *Cognitive Academic Language Proficiency (CALP)* yolwimi lweenkobe oluxhaswa sisigama esikulwimi lwesiNtu lungasetyenziswa kolo lwimi kujoliswe kulo (oko kukuthi, isiNgesi). Ngamanye amazwi amagama akulwimi lwesiNtu angasetyenziswa 'njengezibuko' elisa ekuwaqondeni nangesiNgesi.

Isigama solwimi lwesiNtu, sisodwa nje, akunakulindelwa ukuba singakwazi ukuxhasa ucikizeko olukwizinga lemfundo ephakamileyo kuzo zom-

bini ezi lwimi. Uphuhliso lwesigama nokusetyenziswa kwaso kufuneka kube yinxenye yendlela ehlanganisiweyo exhasa uqulunqo lwentetho yentsusa (nokuba ingeelwimi ezimbini okanye ekulwimi lwesiNtu qha). Amagama amatsha kufuneka aqulunqwe asetyenziswe kwiimbalo ezinentsingiselo ecacileyo, ezifana nezincedisi zokufundisa okanye ushicilelo olukwinqanaba lwemfundo ephakamileyo (olufana nolu!). Indlela yokusebenza ehlanganisiweyo ingayixhasa le nto seyiqheleke kakhulu yokudibanisa iilwimi, isiXhosa nesiNgesi, xa kuthethwa, kumanqanaba onke. Nakubeni kukho iinkolelwana ezigwenxa ngakwicala lootitshala/labahlolhi nelabafundi, ukusetyenziswa okunxibelelaniseke kakuhle kweelwimi ezimbini kungaba neziqhamo ezilulutho kakhulu kwezemfundo, kunjalo kungaba ngumfanekiso obhetele wento ekhoyo yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngabafundi abaninzi eMzantsi Afrika (Setati et al 2002).

Ukungafumani kweelwimi zesiNtu inkxaso kwabo bazithethayo kwenza kuvele umbuzo othi ngaba ke iya kuba ngubani oya kuba ngumthunzi wophuhliso lwesigama. Njengoko esitsho uWright (2007), ukuphuhliswa kwesigama kwiilwimi zesiNtu kusengabonwa njengento ejoliswe ekufeze-kiseni iinjongo eziza kuba lulutho kumaziko nabahlolhi bawo nje kuphela. Inkqubo yophuhliso 'elufunzelo lwabangezantsi ngabangentla' iyangquzulana nezindululo ze-LANGTAG (1996), kwaye ingakwenza kube yingxaki ukusetyenziswa kwesigama esitsha. Amaziko emfundo ephakamileyo angancedeka kakhulu kwizibonelelo zamacandelo ngamacandelo. Ezi zizinto eziphathekayo nezilubonelelo olungezozinto zinokubonwa ngamehlo, ekuxhasweni kophando, ukufundisa namaphulo okuya kuncediswa kwabangaphandle kwawo la maziko. Le nto yenza ukuba amaziko emfundo ephakamileyo akwazi kakuhle ukuphuhlisa isigama esitsha ngendlela ecwangciseke kakuhle, asivavanye, abeke iliso nasekusetyenzisweni kwaso nasekuhanjiswa kwaso. Uphando lwam lwezifundo zobugqirha (Dalvit 2009) lwaye lwasekeleka kule ndlela yokusebenza, lwahlanganiswa nephulo le-SANTED kwiYunivesithi yaseRhodes. Iziphumo zophando lwam zibonakalisa ukuba ukubabandakanya abafundi abantetho isisiXhosa ekuphuhliseni nasekusetyenzisweni kwesigama kulwimi lweenkobe lwabo kuziphucula kakhulu izimvo zabo ngokusetyenziswa kweelwimi zesiNtu emfundweni, kunjalo nje nakwiinkalo ekugquba isiNgesi kakhulu kuzo ezifana nezekhompuyutha, i *Computer Science*.

Uphuhliso lwesigama kwiphulo le-SANTED kwiYunivesithi yaseRhodes luyakuxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngokukhuthaza ukusetyenziswa kwesiXhosa nokunyaswa kwenqanaba esikulo, ngeendlela

ngeendlela. Amanyathelo kwizifundo zekhompuyutha, i*Computer Science* ajoliswe ekuncediseni abo bantetho isisiXhosa bakwazi ukufikelela kwinkalo yezifundo ekugquba isiNgesi kuyo. Isigama esiphuhlisiweyo kule nkalo siyinxenye yezincedisi zokufundisa (inkcazo-magama elwimi-mbini nencwadana esisikhokelo) ezisetyenziswa ngabafundi baseRhodes nakumaphulo okufundisa ikhompuyutha kwabangaphandle kweyunivesithi le, ezilokishini nakwimimandla yasemaphandleni. Ifuthe laso nokusetyenziswa kwaso ziinkalo zophando olukwizinga lemfundo ephakamileyo oluqhutywa ngamalungu eli phulo. Siphuhlisiwe isigama kwinkalo yezoMthetho neyeZifundo ngaMayeza (*Law and Pharmacy*), kwaye siyabandakanywa kwizifundo zeelwimi zesibini nakwizincedisizokufundisa zazo. Abafundi kwezi nkalo bayadibana nabahlali baseRhini abantetho yabo isisiXhosa, isikakhulu, njengenxenye yezifundo zabo. Sonke isigama siphuhliswa ngentsebenziswano ngendlela yokusebenza ye*translate@thon*. Iqela elibandakanya abavela kwiinkalo zokufunda ezahlukeneyo (elibandakanya kumalungu e-SANTED kwakunye nabafundi) lisebenza ngobambiswano kwiindibano ezinyathela umhlaba obanzi kakhulu. Impumelelo yesi sikhokelo iye yawutsala kakhulu umdla wamanye amacandelo eyunivesithi kwintsebenziswano (umzkl. eleZifundo zezo, ezeMfundo, ezoBuntatheli, njl.).

Amava ethu asinika amandla okukhe siphose iingqondo zethu ngokunokuthi kwenzeke phambili phaya. Njengokuba sisya sinabela nakwamanye amacandelo nje, kuza kuya kuvela ukungaboni ngasonye phakathi kwamacandelo ngamacandelo malunga neendlela ekufanele ukuba kuqhutywe ngazo nangenxaxheba yesigama. Njengokuba sisiya sifumana amava nje, siza kukwazi nokuba sibe nezimvo esinazo malunga nezona ndlela zinokuba ngawona maqili aziinkunzi kuphuhliso lwesigama, ngakumbi ngokuphathelele kumba wamagama emboleko endaweni yawemveli. Intsebenziswano kwiilwimi, efana namava ale indibano yocweyo, inika ithemba lokuba kungavela ukuqondakala nzulu kweendawo ekufanwayo ngazo, ngokunjalo nokunabiseleka kwesigama kwiilwimi ezisondelelene kakhulu ngemfano. Umntu angade atsho nokuthi kwixa elizayo kungade kube lula nokuba notshintshiselwano ngeembalo zemfundo ephakamileyo nangezincedisizokufundisa, phakathi kwesiXhosa nesiZulu.

Xa ndiqukumbela, amava ethu ngophuhliso lwesigama anako ukuba ziziphembelo zokukhawulezisa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eRhodes. Inkqubo yethu entlangothi ninzi ebandakanya abavela kwiinkalo

ngeenkalo zemfundo nevelela inxaxheba iye yafumana inkxaso kwiziphathamandla nakubafundi, kunjalo yatsala umdla nakwabamajelo eendaba nakwabangabahloli kwimfundo ephakamileyo. Sikholelwa ekubeni loo nto igxininisa inxaxheba yamaphulo ophuhliso lwesigama kumaziko emfundo ephakamileyo ekukhuthazeni ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Loo malinge angaba negalelo ekulweni nolunye lwezimvo eziphambili ezixhasa ukuchwethelwa bucala kweelwimi zesiNtu kwimfundo ephakamileyo: uliliselolungenabunyani ngokunqongophala kwesigama esifanelekileyo.

10. Compiling the trilingual terminology lists across disciplines at Stellenbosch University

Pumlani M. Sibula

This paper reports on terminology work at the Unit for isiXhosa (UXF) in the Stellenbosch University Language Centre. The paper is devoted to all the practical activities leading to the final publication of terminology lists, such as the tasks of terminologists, the challenges they face, the skills they require in order to accomplish those tasks and some of the strategies particularly employed at UFX. The role of other stakeholders in terminological activities will also receive attention, as terminology is an interdisciplinary field. Of particular significance is the attempt to contextualise terminology activities within the South African national language policy, which clearly promotes multilingualism. More generally, the paper indicates a strong interaction between terminological practice and the general theory of terminology.

Theory of terminology

Sager identifies and develops three dimensions of the theory of terminology, namely:

- the cognitive dimension,
- the linguistic dimension, and
- the communicative dimension.

While the above constitute the key elements of a terminological theory and provide general principles and guidelines for terminologists, it should

be noted that there are other factors which influence the development and application of the general theory from one country to another. This paper is therefore produced in the context of scholarly observations by reputable language practitioners and academics in the field of terminology. The next section of this paper shows that terminological work at UFX is not just an institutional vocation but a nationally motivated activity.

Purpose/motivations for terminological compilation at Stellenbosch University Language Centre

By establishing the UFX in 2003, Stellenbosch University has responded to the demands of multilingualism as explicitly articulated in the Constitution of the Republic of South Africa. The Constitution recognises 11 official languages, including the indigenous African languages which were formerly marginalised during apartheid. The recognition of indigenous languages requires that they be developed so that they can be used efficiently in various social, economic and political activities in a formal way. As Alberts (1999: 19) states, 'Terminology is a strategic resource... Through the use of correct terminology, the effective scientific and technical communication skills of all the citizens are developed'. Stellenbosch University wishes to contribute to the development and promotion of isiXhosa as one of the official indigenous languages in the Western Cape Province. In a particular way, the University endeavours to develop isiXhosa as an academic language, which also creates opportunities for its further use in general.

In this endeavour, terminology lists have already been published for the departments of **Sociology, Social Work, Psychology** and **Law** at Stellenbosch University. The terminology list for the faculty of **Economic & Management Sciences** [which comprises: Accounting, Business Management, Economics, Industrial Psychology, Information Systems, People Management, Public-Development Management, and Statistical Methods] is being finalised for publication towards the end of this year. The compilation of these terminologies was done with first-year isiXhosa students in mind as targets users, specifically, to help them to understand Afrikaans and English terms in these areas of study, thereby supporting them. These lists are also aimed at widening the scope of understanding, so that these students are afforded the opportunity to learn and understand

these technical terms through their mother-tongue.

The terminological products of UFX may therefore rightfully be regarded as LSP or specialised dictionaries, except that viewing them from a strictly lexicographic point of view will require the inclusion of more data categories.

The methodology employed by UFX

In collecting the data, the terminologist, who is the head of UFX, consults subject field experts who are the heads of departments at the university and requests terminological data for the envisaged project. This data consists of term-lists representing the key concepts in the respective subject areas using the English language. The subject-specialists recommend some senior students for compiling the lists under their supervision. The terms are also provided with English definitions. On completion these terms with their definitions in English are forwarded to the UFX. Before anything else is done, confirmation is obtained that the English concepts and their definitions have been quality controlled by the concerned subject-specialists. After receiving such confirmation, the lists are sent to translators who translate the lists into isiXhosa and Afrikaans. These translations are done with due cognisance of the linguistic theory of Catford (1965) which states that a translation should have the same effect on a target language (TL) reader as the source language would have had on a source language (SL) reader.

The translated lists are sent electronically to the subject specialists who are the lecturers of the departments concerned. After the necessary corrections have been made, these lists are sent for the second time to the language specialists for final editing and proofreading – checking of orthography, spelling, punctuation, etc. The terminology lists are then entered into the UFX database. Finally, they are converted into PDF files, and the cover pages are designed and sent to the printers. Once the lists have been printed in a booklet format they are officially presented to the relevant departments.

Each department decides how to market its terminology list. For example, the Sociology terminology list is published on the department's website, whereas Social Work decided to advertise its terminology list in a specialised journal of the Social Work fraternity throughout South Africa and Namibia.

Term-creation strategies

In the compilation of these technical lists the major term-creation strategies employed were **coining** and **transliteration**. However, the work of the terminologist does not only involve creating terms, in some cases terms are there and the terminologists simply have to correct the terms and ensure that there is a substantial degree of equivalence between the languages concerned.

Coinages

Coinage is defined as '... the inventing of new words, phrases or expressions. This type of linguistic borrowing is sometimes referred to as neologism' (Mojapelo & Mojela, 2007)¹. Coining therefore is the use of existing linguistic resources to name new concepts (semantic extension).

Transliteration

When coinage or isiXhosa equivalents could not be used for the English terms, transliteration was done as a last resort and adhered to phonological and morphological structures of isiXhosa. These transliterated terms were adapted and naturalised to be identified, written and articulated as isiXhosa terms. Transliteration is defined by Mojapelo and Mojela (2008:1) as the replacement of the letters of one alphabet by the letters of another alphabet with the same phonetic sounds.

Training and collaborations

Terminology as an interdisciplinary vocation is a specialised field of activity with its principles, theories and standards set out by international bodies such as the International Organization for Standardization (ISO). This means that one needs more than linguistic or expert knowledge in order to indicate what is required.

In spite of that training, the interdisciplinary nature of terminological practice still requires that trained lexicographers work in collaboration with subject specialists and other stakeholders. As Alberts (1999: 30) says, 'Terminologists never work in isolation'. In view of this, the UFX has effective partnerships and working relationships with various bodies. The nature of its work requires these contractual ties for collaboration purposes, e.g. with departments and other institutions on and off the campus of Stellenbosch University. It has a networking relationship with the

¹ Paper presented at the 12th Afrilex Conference at the Soshanguve campus, Pretoria in June 2007.

language specialists of the provincial and national bodies, which through their professional service help with translation, proofreading and editing. Collaboration ensures that relevance and quality are achieved, thereby ensuring that all three dimensions of terminology, namely the cognitive, linguistic and communicative, are satisfied.

During discussion, Sibula was commended for the work done, and the subsequent publication of the terminology lists. There was general consensus though that some terms in the published materials were surrounded by controversies, and might be offensive to the users of the language. Subject specialists, especially those who speak isiXhosa, also needed to be consulted for clarity of terms, etc. Sibula committed to take into consideration the feedback from workshop in the next edition of the books.

10. Ukuqulunqwa kwezintlu zesigama kuzo zonke iinkalo zezifundo kwiYunivesithi yaseStellenbosch

Pumlani M. Sibula

Eli phepha lisekelwe kumava alo ulifundayo kumsebenzi woqulunqo lwesigama kwiYunithi yesiXhosa kwiZiko leeLwimi kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Eli phepha linyathela kuzo zonke iinkalo ekugqithwa kuzo ukuya kufika kushicilelo lokugqibela lwezintlu zesigama. Ngokwenza oku eli phepha libonakalisa zonke izinto ezibandakanyekayo kumsebenzi wabaqulunqi bezigama, imingeni abajongana nayo, izakhono ekufuneka benazo ekwenzeni le misebenzi nezinye ke iindlela ezingamaqili ekuhanjwa ngazo kule Yunithi. Nenxaxheba yamanye amaqela abandakanyekayo kule misebenzi yoqulunqo lwesigama iza kuqwalaselwa, njengoko kuza kuthi kuvele ukuba uqulunqo lwesigama ngumsebenzi ochaphazela iinkalo ngeenkalo zezifundo ezahlukeneyo. Eyona ndawo ibaluleke kakhulu kukuba iphepha eli liya kungqamanisa umsebenzi woqulunqo lwesigama nomgaqo-nkqubo wolwimi waseMzantsi Afrika, okukhuthaza ngkethe gca ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, nobonakalisa unxulumano olukhoyo phakathi kokwenziwa kuqulunqo lwesigama neenkcazo-bungcali ezimalunga nesigama ngokubanzi.

Inkcazo-bungcali ngesigama

USager uvelisa aphuhlise iinkalo ezintathu kwinkcazo-bungcali ngesigama, ezizezi:

- inkalo ephathelele kwingcinga,

- ephathelele kulwimi, kunye
- nephathelele kuqhagamshelwano.

Nakubeni ezi nkalo zingentla apha zingoyena ndoqo wenkcazo-bungcali ngesigama, kwaye zinika izimiselo nezikhokelo ezinokulandelwa ngabaqulunqi besigama, kuyafuneka ukuba kuqatshelwe sukuba zikhona nezinye izinto ezinefuthe kuphuhliso nokusetyenziswa kwale nkcazo-bungcali izinokhuti zithande ukwahlukana kumazwe ngamazwe. Ngoko ke eli phepha lisekelwe phezu kweembono zobungcale zoosozilwimi abaziwayo nabahlohli kule nkalo yoqulunqo lwesigama. Icandelo elilandelayo kweli phepha libonakalisa ukuba umsebenzi woqulunqo lwesigama kwiYunithi yesiXhosa asingomsebenzi ujolise nje kuphela kwiziko eli, koko ukwathundezwa nakoko kuyimfuneko kwilizwe eli.

Iinjongo nesiseko somsebenzi woqulunqo lwezintlu zesigama kwiZiko leeLwimi kwiYunivesithi yaseStellenbosch

Ngokuseka iYunithi yesiXhosa ngo-2003, iYunivesithi yaseStellenbosch ilisabele ikhwelo elihlatywa ngokuvakalayo kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. Lo Mgaqo-siseko ubeka iilwimi ezili-11 njengeelwimi zaseburhulumenteni, kubandakanywa neelwimi zemveli ezazifudula zisingelwe phantsi ngexesha lolawulo localu-calulo. Oku kubandakanywa kweelwimi zemveli kufuna ukuba maziphuhlise, khona ukuze zikwazi ukusetyenziswa ngokufezekileyo kwiinkalo ngeenkalo zentlalo, ezoqoqo-sho, nakwezopolitiko ngendlela esesikweni. Njengoko esitsho uAlberts (1999: 19), 'Isigama sibubutyebi obuliqili... Ngokusetyenziswa kwesigama esichanekileyo nesicikizekileyo kwezenzululwazi nakwezobugcisa, izakhono zabo bonke abemi ziyaphuhliseka'. Iyunivesithi yaseStellenbosch inomnqweno wokwenza igalelo ekuphuhliseni nasekuphakanyiseni kwesiXhosa, njengolunye lweelwimi zemveli ezizilwimi zaseburhulumenteni eNtshona Koloni. Ngendlela ethile iyunivesithi le izama ukuphuhlisa isiXhosa sikhule siye kufika kwizinga lokuba singasetyenziswa kwimfundo ephakamileyo, into leyo ke eya kusivulela namanye amathuba okusetyenziswa kwezinye iinkalo ngokubanzi.

Kweli linge ke, bekumana kushicilelwa isigama esilungiselelwe icandelo le *Sociology*, ele *Social Work*, nele *Psychology* kwakunye nelo *Mthetho* phaya kwiYunivesithi yaseStellenbosch. Uluhlu lwesigama secandelo le *Economic*

& *Management Sciences* [ekukho kulo la macandelwana: ele *Accounting*, ele *Business Management*, ele *Economics*, ele *Industrial Psychology*, ele *Information System*, ele *People Management*, ele *Public-Development Management*, kunye nele *Statistical Methods*] sele lukunjelwe ukushicilelwa phaya ekuyeni kuphela kwalo sikuwo inyaka. Uqulunqo lwezi zintlu beluqhutywa lujoliswe kubafundi besiXhosa abakunyaka wokuqala, njengabo baza kusisebenzisa esi sigama, ngakumbi ekubenzeni bawaqonde amagama esiNgesi nawesiBhulu kwezi nkalo zezifundo, into ke leyo ebibancedise ibaxhase. Ezi zindlu zesigama kananjalo zikwajoliswe nasekwandiseni imihlaba yokuqonda, khona ukuze aba bafundi banikwe ithuba lokuba bafunde bawaqonde ngolwimi lwabo lweenkobe amagama anobuntsompothi asetyenziswa kwiinkalo ezithile.

Isigama esiqulunqwe kwiYunithi yesiXhosa ngoko ke, akungebi yimpiso ukusithatha njengesigama esineenjongo ezithile ezizodwa (LSP) okanye kwizichazi-magama ezizodwa, ngaphandle ke nje kokuba xa zinokujongwa ngokweemfuneko zophuhliso lwezichazi-magama, kungafuneka ukuba kubandakanywe nezinye iinkcukacha.

Indlela yokusebenza esetyenziswa kwiYunithi yesiXhosa

Xa kuqokelelwa iinkcukacha, umqulunqi wesigama oyintloko yeYunithi yesiXhosa uye athethane nabo baziingcali abaziiintloko zamacandelo eyunivesithi, acele isigama esiphathelele kuloo projekthi icetywayo. Esi sigama sibandakanya loo magama angawona aphambili kwinkalo yesifundo leyo enikwe ngesiNgesi. Iingcali kwizifundo ezo ziye zikhethe abafundi abasebephambili bokuqulunqa izintlu ezo phantsi kweliso lazo. La magama anikwa ehamba neenkcazelo ezingesiNgesi. Zisakuba zigqityiwe ziye zithunyelwe ke kwiYunithi yesiXhosa. Phambi kokuba kwenziwe nantoni na kuye kuqinisekise ukuba la magama neenkcazelo ahamba nazo zijongisise ziingcali zezo zifundo zichaphazelekayo. Lusakuba lufunyenwe olo qinisekiso ezi zintlu ziye zithunyelwe kubaguquli abathi ke baziguqulele esiXhoseni nasesiBhulwini. Olu guqulelo lwenziwa kuthathelwe ingqalelo inkcazo-bungcali engolwimi kaCatford (1965) ethi uguqulelo kufuneka ifuthe lwalo kulowo ulufundayo lifane nakulowo ufunda olu lwimi luguqulelwayo.

Kwakhona ke ezi zintlu ziguqulelweyo zithunyelwa ngekhompyutha kwiingcali zezo zifundo ezingabahlhli kuloo macandelo achaphazelekayo.

Zisakuba zenziwe ezo zilungiso zifuna ukwenziwa ezi zintlu ziphinda zisiwe okwesibini kwiingcali zeelwimi ukuze zizihlele zizicokisise – zijonga iindlela zokubhala, upelo, iziphumlisi, njl. Emva kweli ke inyathelo ziye zingeniswe kuvimba weYunithi yesiXhosa. Ekugqibeleni ke zenziwa iifayili ze-pdf, kuze ke kuqulunqwe amaphepha angaphandle, zithunyelwe kubashicileli. Zisakuba zishicilelwe ezi zintlu zaba yincwadana ziye zithunyelwe ngokus-esikweni kuloo macandelo achaphazelekayo.

Icandelo ngalinye ke liye ligqibe ngokuba liza kulubhengeza njani na uluhlu lwalo. Umzekelo – uluhlu lwesigama se*Sociology* lushicilelwa kwi-*webct* yeli candelo, ngelixa ele*Social Work* lona lagqiba ekubeni uluhlu lwalo lulubhengeze kwijenali yabakweze*Social Work* kulo lonke eli laseMzantsi Afrika naseNamibia.

Iindlela eziliqili ekuyilweni kwesigama

Ekuqulunqweni kwezi zintlu zesigama seenkalo ezizodwa ezona ndlela ziliqili ziphambili ziye zasetyenziswa **luyilo noboleko**. Kambe ke, umsebenzi womqulunqi wesigama awuphelelanga ekuyilweni kwamagama; kwezinye iimeko amagama akhona, ize ke into eyenziwa ngumqulunqi wesigama ibe kukuwalungisa la magama nokuqinisekisa ukuba iintsingiselo ziyangqinelana phakathi kwezo lwimi zichaphazelekayo.

Uyilo

Ngokwephepha likaMojapelo noMojela elafundwa kwi-12th *Afrilex Conference* eyayiseSoshanguve, ePitoli ngoJuni 2007, uyilo ‘...kukuqwetywa kwamagama amatsha, amabinza amatsha nezithetho ezitsha. Olu hlobo lokubolekwa kolwimi luye maxa wambi lubizwe ngokuba lubumbo lwamagama amatsha’. Uyilo ke ngoko kukusetyenziswa kolwimi olusele lukho ekuchazeni izinto ezintsha (unabiso lwensingiselo).

Uboleko

Xa kungekho magama akhoyo esiXhoseni anokuhanjelaniswa namagama esiNgesi okanye kungekho nanokuyilwa, kuye kwabhenelwa ekubolekeni, kwaza ke kwahlalwa kwindlela yokubhala neyokuma kwamagama esiXhosa. La magama emboleko aye amkelwa njengamagma esiXhosa, abhalwa ngesiXhosa, abizwe ngesiXhosa. Uboleko ngkukaMojapelo noMojela (2008:1) kukusetyenziswa koonobumba bealfabhethi ethile endaweni yabenye ialfabhethi ababizeka ngokufanayo.

Uqeqesho nentsebenziswano

Uqulunqo lwesigama ngumsebenzi onabela kuzo zonke iinkalo zezifundo ezahlukeneyo, nobekelwa izimiselo, iinkcazo-bungcali nemigangatho yemibutho yehlabathi, efana nombutho oyi-*International Organization for Standardization (ISO)*. Le nto ke ithetha ukuba ulwazi ekufuneka enalo umntu ukuze akwazi ukukuchaza okufunekayo, aluphelelanga nje kulwazi lolwimi nasebungcalini.

Nakubeni kukho olo qeqesho, le meko yomsebenzi woqulunqo lwesigama yokunabela kwiinkalo zonke ifuna ukuba abaqulunqi besigama mabaqhagamshelane neengcali kwiinkalo ngeenkalo zezifundo nabamanye amaqela achaphazelekayo. Njengokuba uAlberts (1999: 30) esithi, ‘Abaqulunqi besigama abaze basebenze bodwa’. Ngenxa yoku ke iYunithi yesiXhosa inobuhlakani nobudlelane bokusebenza nemibutho emininzi. Uhlobo lomsebenzi wayo luyawafuna la makhonkco oqhagamshelwano ngentsebenziswano, umzekelo namaandelo kunye nezinye izigqeba apha ngaphakathi kwiYunivesithi yaseStellenbosch, nangaphandle. Inamakhonkco oqhagamshelwano neengcali zolwimi kwizigqeba zamaphondo nezesizwe, ezithi ngoncedo lwazo lobungcali zincede ngoguqulelo, ukufundiswa nangokuhlela. Intsebenziswano iqinisekisa ukuba oko kwenziweyo kufanelekile, kwaye kusemgangathweni, into ke leyo eqinisekisa ukuba zontathu ezi nkalo zoqulunqo lwesigama zivelelwa ngokwanelisekileyo.

USibula, ngexesha lengxoxo, uye wanconywa ngomsebenzi wakhe, kwakunye nokupapashwa kweencwadi eziqulathe isigama esiphuhlisiweyo. Kuye kwavunyelwana ngokubanzi ukuba esinye sesigama asithandeki kwaye sinokuphikiswa ngabo basebenzisa ulwimi kwaye singabakhubekisa abantu abathile. Kuye kwacetyiswa ukuba iingcali zesifundo, ingakumbi ezo ulwimi lwazo lusisiXhosa, kufuneka kuthetha-thethwane nazo ngenjongo yokucacisa esi sigama. USibula uye waphendula ngelithi uya kuzinika ingqwalasela iizmvo ezivele kule ntlanganiso kuhlelo lwesibini lwezi ncwadi.

11. Challenges of creating terminology in isiZulu

Gugu Mkhize

The experience of Nursing, Dental Assisting & Psychology at UKZN and DUT

Terminology as both an academic and vocational field is bound to have external influences that necessitate attention. This implies that the field of terminology has its own politics, which are both internal and external. The development of international relations worldwide, terminology has for various reasons gained its status as a force to be reckoned with in language discourse. The aim of this paper is to focus on the dilemma that is facing language practitioners in South African modern days. Practitioners seem to have little or no knowledge about terminology development as an academic subject or professional career. Madiba (2003) and Mtintsilana Morris 1988 believe that language practitioners are always posed with a challenge when translating terminology into South African languages like isiZulu either to give an isiZulu equivalent or a transliterated equivalent. Language practitioners work with the fear of language purists, who believe there should be an isiZulu equivalent for all terms. The relevance of terminology theories becomes prevalent to those who are familiar with them, and become a nightmare to those who have no background about existing strategies to deal with a challenge.

11. Izinselele ekwakheni amatemu esiZulu

Gugu Mkhize

Isibonelo ngokwatholakala emkhakheni wobuhlelengikazi, owokulekelela ukwelashwa kwamazinyo kanye nowokusebenziswa kwengqondo e-UKZN nase-DUT

Ulwazimatemu njengomkhakha wokufunda nowomsebenzi luphoqelekile ukuba nemithelela eqhamuka ngaphandle edinga ukuthi inakwe. Lokhu kuchaza ukuthi umkhakha wolwazimatemu unezombangazwe zawo eziqhamuka ngaphakathi nangaphandle. Ukuthuthuka kwezobuhlobo nokuxhumana kwamazwe omhlaba sekwenze ukuthi ulwazimatemu lube yingxenyane enamagalelo abonakalayo ezindabeni zezolimi. Inhloso yaleli phepha ukubukisisa indida ebhekene nabasebenzi bolimi eNingizimu Afrika ezinsukwini zanamuhla. Abasebenzi bolimi abaningi kutholakala ukuthi banolwazi oluncane kakhulu, uma benalo, ngokuthuthukiswa kwamatemu njengesifundo solwazi noma njengomkhakha wezomsebenzi. UMadiba (2003) noMtintsilana Morris (1988) bakholelwa ngokuthi abasebenzi bolimi bahlala bebhekene nenselele uma behumusha amatemu bewasa ezilimini zase-Afrika ezifana nesiZulu. Inselele eyokuthi kufanele umuntu anikeze igama lesiZulu yini noma aboleke. Abasebenzi bolimi benza umsebenzi wabo besovalweni ngenxa yalabo bantu abakholelwa ekuthini ulimi kumele lube msulwa; abazi ukuthi itemu netemu olimini okusetshenzwa ngalo kufanele libe nelesiZulu elinguzakwabo. Imithetho yolwazimatemu iba nosizo kuphela kulabo abayaziyo ukuthi ikhona Kulabo abangenalo ulwazi ngezindlela ezikhona zokubhekana nenselele kuba yinkinga enkulu.

Other publications in the Occasional Papers series

1. Bloch, C. 1998. Literacy in the early years: Teaching and learning in multilingual early childhood classrooms.
2. Plüddemann, P., Mati, X. & Mahlalela-Thusi, B. 2000. Problems and possibilities in multilingual classrooms in the Western Cape.
3. Alexander, N. 2000. English unassailable but unattainable: The dilemma of language policy in South African education.
4. Wolff, E.H. 2000. Pre-school child multilingualism and its educational implications in the African context.
5. Vesely, R. 2000. Multilingual environments for survival: The impact of English on Xhosa-speaking students in Cape Town.
6. Heugh, K. 2000. The case against bilingual and multilingual education in South Africa.
7. Broeder, P., Extra, G. & Maartens, J. 2002. Multilingualism in South Africa with a focus on KwaZulu-Natal and Metropolitan Durban.
8. Bloch, C. 2002. Concepts of early childhood development, literacy learning and materials development in multilingual settings.
9. Heugh, K. 2002. Revisiting bilingual education in and for South Africa.
10. Mahlalela, B. & Heugh, K. 2002. Terminology and schoolbooks in Southern African languages: Aren't there any?
11. October, M. 2002. Medium of instruction and its effect on matriculation examination results for 2000, in Western Cape secondary schools.
12. Perry, T. 2003. Language rights, ethnic politics: A critique of the Pan South African Language Board.
13. Alexander, N. 2003. The African Renaissance and the use of African languages in tertiary education.
14. Giliomee, H. 2003. The rise and possible demise of Afrikaans as a public language.
15. Plüddemann, P., Braam, D., Broeder, P., Extra, G. & October, M. 2004. Language policy implementation and language vitality in Western Cape primary schools.
16. Bloch, C. 2005. Enabling effective literacy learning in multilingual South African early childhood classrooms.
17. Plüddemann, P., Braam, D., October, M. & Wababa, Z. 2004. Dual-medium and parallel-medium schooling in the Western Cape: from default to design.
18. Mbatha, T. & Plüddemann, P. 2004. The status of isiXhosa as an additional language in selected Cape Town secondary schools.
19. Obanya, P. 2004. Learning in, with, and from the first language.
20. Alexander, N. 2004. Implications of Brown v. Board of Education: A post-apartheid South African perspective.
21. Braam, D. 2004. Community perceptions of change in a school's language policy.
22. Beckett, T. 2005. Language and dementia in bilingual settings: Evidence from two case studies.
23. Nkhoma-Darch, A. 2005. Border-straddling speech communities: Linguistic and educational challenges facing the Nyanja-Chewa-Mang'anja cluster of Southeastern Africa.
24. Busch, B., Jardine, A. & Tjoutuku, A. 2006. Language biographies for multilingual learning.
25. Bloch, C. 2006. Theory and strategy of early literacy in contemporary Africa with special reference to South Africa.
26. Gudhlanga, E.S. & Makaudze, G. 2007. Writing and publishing in indigenous languages is a mere waste of time: A critical appraisal of the challenges faced by writers and publishers of Shona literature in Zimbabwe.
27. Deyi, S. 2008. Ukusetyenziswa kolwimi lwesiXhosa ukufunda nokufundisa izifundo zezibalo.
28. Broeder, P. & Sorce, R. 2008. Skills and Levels in Europe – managing diversity in language education.
29. Jardine, A. 2008. Affirming marginal voices: a study of a group of primary school children in an asymmetrical multilingual setting.
30. Benson, C. 2008. Language 'choice' in education.
31. Da Rocha, T. 2010. What are the factors influencing the relationship between school language policy and the literacy proficiency of learners at Grade 7 level?
32. Plüddemann, P. 2010. Home-language based bilingual education: Towards a learner-centred language typology of primary schools in South Africa.

33. Alexander, N. 2010. The potential role of translation as social practice for the intellectualisation of African languages.
34. Wababa, Z. 2010. How scientific terms are taught and learnt in the Intermediate Phase.
35. Nodoba, G.J. 2010. A qualitative study of language preferences and behaviours of selected students and staff in the Faculty of Humanities at the University of Cape Town, in the context of the university's implementation of its 2003 Language Policy and Plan.
36. Diwu, C. 2010. Effects of a dialogical argumentation instructional model on Grade 10 learners' conception of fermentation.
37. Töttemeyer, A-J. 2010. Multilingualism and the language policy for Namibian schools.